UXOLELO MAYELANA NOKUBA NOMPU 2020/2021
Ithuba elingamelanga kuphoswa!

IZIKHOKELO ZOXOLELO MAYELANA NOKUBA NOMPU

UMphathiswa wamaPolisa ubhengeze ixesha loxolelo mayelana nokuba nompu eliziinyanga ezintandathu (6) neliqala ngomhla woku-1 ka-Agasti 2020 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kaJanuwari 2021, ngopapasho lwesaziso kwiGazethi kaRhulumente.

Ixesha loxolelo lidala ithuba lokuba abantu banikezele ngemipu engafunwayo okanye imipu abanayo ngokungekho mthethweni, ngokunjalo neembumbulu kunye/okanye iipathsi zompu kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika ngaphandle koloyiko lokuba bayakutshutshiswa ngokuba nesi sixhobo ngokungekho mthethweni.

Iinjongo zeli xesha loxolelo, kukunciphisa intlaninge yemipu engekho mthethweni/engafunwayo, iimbumbulu kunye/okanye iipathsi zompu ezijikeleza elizweni.

Umntu onikezela umpu wakhe ngeli xesha loxolelo, kuya kufuneka uba agcwalise aze asayine amaxwebhu afanelekileyo kwisikhululo samapolisa esikufutshane, kwaye makanyanzelise ukufumana ikopi ye-SAPS 548 (Ifom yoxolelo).

NGEENKCUKACHA EZITHE VETSHE, NCEDA UQHAGAMSHELANE NESIKHULULO SAMAPOLISA SENDAWO YAKHO OKANYE
IZIKO LEMINXEBA LEREJISTA YEMIPU KU-012 353 6111
XELA URHWAPHILIZO KU-0800 701 701

Ngokwecandelo-139(4)(a) loMthetho woLawulo lweMipu, ka-2000 (uMthetho onguNombolo-60 ka-2000 (Firearms Control Act, 2000 (Act No. 60 of 2000)), umntu onikezela umpu ethobela isaziso esipapashwe ngokwecandelwana (1) angenza isicelo ngokwalo Mthetho sokufumana ilayisenisi malunga nalo mpu.

Isicelo esiqulathwe kwicandelo-139(4)(a) asiyi kusebenza kwimipu engekho mthethweni apho kungenakunikezwa maxwebhu abubungqina bomnikazi wangaphambili.

Umntu ofaka isicelo selayisenisi yompu njengoko kuxeliwe ngasentla, makathobele amalungiselelo oMthetho akhoyo ekwenziweni kwelayisenisi yompu, naquka okulandelayo:

» Umlinganiselo wenani lemipu eziindidi ezohlukeneyo ekumele abenayo ngokusemthethweni umntu

» Umfaki-sicelo makabe nesiqinisekiso sokulungela ukusebenzisa umpu esisemthethweni sompu lowo enza isicelo selayisenisi yawo

» Umntu owenza isicelo selayisenisi yompu, kufuneka ase umpu ngokwakhe kwiGosa loXolelo eliNyuliweyo, kwaye afake isicelo kwiintsuku ezili-14.

Ngumntu owunikezela ngokwakhe umpu kwiGosa loXolelo eliNyuliweyo ongafaka isicelo selayisenisi malunga noko.

Isicelo sompu masifakwe kwiGosa loXolelo eliNyuliweyo elifanelekileyo elinoxanduva lalo ndawo apho ahlala khona umfaki-sicelo, kwaye masithobele okulandelayo:

» Ikopi eqinisekisiweyo yesiqinisekiso sokulungela ukusebenzisa umpu yomfakisicelo (ukuba sele sikhutshiwe).

» Kwiimeko apho umfaki-sicelo engenaso isiqinisekiso sokulungela ukusebenzisa umpu, makafake isicelo sesiqinisekiso sokulungela ukusebenzisa umpu kuqala ngokuhambelana namalungiselelo oMthetho woLawulo lweMipu.

» Gcwalisa ifomu eyaziwa njenge-SAPS 271 apho umfaki-sicelo abonisileyo iinjongo zakhe zokwenza isicelo selayisenisi yalo mpu. Isicelo selayisenisi yompu sakwamkelwa kuphela liGosa loXolelo eliNyuliweyo xa sihambelana namalungiselelo oMthetho woLawulo lweMipu.

» Nika inkcazelo ezeleyo exhasa imfuno yelayisenisi yompu, ukuba kuyenzeka uyinike ngendlela yengxelo efungelweyo okanye eqinisekisiweyo.

» Nikela ngekopi eqinisekisiweyo yelayisenisi yompu osemthethweni, imvume okanye isigunyaziso esikhoyo kumpu lowo (xa sikhona).

NGEENKCUKACHA EZITHE VETSHE, NCEDA UQHAGAMSHELANE NESIKHULULO SAMAPOLISA SENDAWO YAKHO OKANYE
IZIKO LEMINXEBA LEREJISTA YEMIPU KU-012 353 6111
XELA URHWAPHILIZO KU-0800 701 701